Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

OKTHOBHA 2017

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

IITEPHU EZIBIWEYO ZENZA ILAHLEKO EMANZINI ANQABILEYO

Umkhuba wokubiwa kweetephu ezindlini uphinde wabuya eOverstrand.

Kwinyanga ka-Agasti kuchazwe izehlo eziliqela zokubiwa kweetephu zekopolo nezivalo kwimizi yabantu.

Ngaphandle kokubiwa kwezilinganisi zamanzi neetephu, ilahleko yamanzi ngokungeyomfuneko ngexa lokugquba kwembalela kuyaxhalabisa.

Kukholelwa ekubeni amasela eba iitephu ukuze azithengise kwindawo yobugoxo beentsimbi. UKapteni Fadila September weSAPS eHermanus utyityimbisele umnwe abanini bendawo yobugoxo abathenga emaseleni izinto ezenziwe ngekopolo.

Abahlali bayabongozwa ukuba bamazise umasipala xa kukho iitephu ezivuzayo, iimibhobho egqabhukileyo, iintambo zombane ezifakelwe ngokungekho mthethweni, ukuminxeka kwemibhobho ehambisa ilindle, uphazamiseko lokuhanjiswa kweenkonzo zamanzi nayo nayiphi na eminye imiba enxulumene namanzi kwii-ofisi ezahlukeneyo ngexesha lomsebenzi (ngentsimbi ye-07:45am - 16:30pm) kwezi nombolo zilandelayo:

E-Kleinmond: kule nombolo 028 271 8400 okanye kule 028 271 8465
E-Hermanus: kule nombolo 028 313 8000 okanye kule 028 313 8196
E-Stanford: kule nombolo 028 341 8500 okanye kule 028 341 8516
E-Gansbaai: kule nombolo 028 384 8300 okanye kule 028 384 8328

Usakuba uhlanganisiwe umsebenzi wokunikezelwa kweenkonzo emva kwexesha lokuphangela ezi nombolo uzibonayo ngentla apha ziza kuphambukela eOverstrand's 24-hour Control Room (028 313 8000/8111).

Inombolo ethi (028 312 2400) yeZicimamlilo neeNqwelo zoHlangulo ingasetyenziswa ngexa leempuphuma neemeko zobungxamo kummandla wase-Overstrand. Izikhalazo zolwaphulo mthetho zemihla ngemihla mazixelwe ngokutsalela umnxeba kule nombolo 028 313 8980.

Ndibona njani ukuba kukho indawo enamanzi avuzayo kwipropati yam?

Iyenzeka into yokuba ungaqondi ukuba ngaphantsi komhlaba kukho umbhobho onendawo egqabhukileyo kwipropati yakho de ufikelwe yi-akhawunti enkulu yamanzi. Ukuba ufumana i-akhawunti enkulu yamanzi ngendlela engaqhelekanga kunokwenzeka ukuba kukho umbhobho onendawo egqabhukileyo.

Ukuze uqonde ukuba kukho umbhobho onendawo egqabhukileyo kwipropati yakho zama oku kulandelayo:

- Zivale zonke iitephu zakho kwipropati yakho.
- Khangela isilinganisi samanzi (i-metre). (Esi sixhobo sifumaneka ngaphandle komzi wakho kufutshane nongqameko).
- Isilinganisi sakho sinoluhlu lwamanani.
- Khangela ukushukuma kwamanani; ukuba akukho nto ibonakalayo yenza oku kulandelayo:
- Funda umlinganiselo ngokubhala phantsi onke amanani owabonayo kubuso besilinganisi.
- Thetha nabantu abahlala kwipropati yakho ubacele ukuba bangazivuli iitephu ixesha elingangeyure; le nto inokwenziwa nasebusuku xa kulelwe (musa ukuyigungxula ithoyilethi ngeli xesha!)
- Funda isilinganisi okwesibini emva koko; ukuba umlinganiselo unyukile, qiniseka ukuba kukho umbhobho onendawo egqabhukileyo. Amanani kwisilinganisi ayahamba umthetho wawo ukuze axele umlinganiselo wokuphuma kwamanzi. Ukuba ayahamba loo nto ichaza ukuba kukho umbhobho onendawo egqabhukileyo.

ITHALA LEENCWADI E-HAWSTON LIBHIYOZELA UKUGQIBA IMINYAKA ENGAMA-30 LISEBENZA

IThala leencwadi eHawston lineminyaka engama-30 lisebenza. Le yimbali eliyibhiyozele ngomsitho osisikhumbuzo ngomvulo umhla wesi-4 kuSeptemba 2017. Abasebenzi abatsha nabadala basebenzise eli thuba lihle kangaka ukonwabisa abantu ngeenkumbulo zeminyaka yangaphambili kweli ziko, nefuthe esathi sanalo nokuqhuba sisenza njalo nanamhla.

Iphupha lokuseka iThala leencwadi ukuze kuxhamle abahlali eHawston ngakumbi abafundi abangazange babenayo le nkonzo yinto eyayibalulekile kakhulu kuPhillipus May ngakumbi wayenguNoncwadi wokuqala noCeba ngokunjalo.

"Ngezo ntsuku kwakusetyenziswa izithuthi ukusa abantwana eMount Pleasant ukuze bafumane iincwadi" watsho uPhillipus.

Emva kokusebenza nzima ekhusini ngendlela engenakuqondwa ngabaninzi nokuba lizinyo liqaqamba kwiinkokheli zoluntu nezo zithetha kwenzeke eli phupha laba yimpumelelo ngo-Agasti 1987 xa iThala leencwadi eHawston livula iingcango zalo okokuqala, waza waqeshwa njengoNoncwadi wokuqala.

Ngaphambili ukususela kwisandla sasekhohlo ukusa kwesokunene: nguFrancois Myburgh (uMphathi weSithili: kwii-Ofisi zoLawulo eGansbaai), nguJulius Swart (iNqununu), nguDon Kearney (uMphathi weSithili: kwii-Ofisi zoLawulo eHermanus), nguPhillipus May (uNoncwadi wokuqala owayenguCeba), nguChristine Marais (undwendwe olubekekileyo) noElnora Gillion onguCeba. Ngemva:nguBelinda May (uNoncwadi), nguRonel Salies (UMphathi kwezeMfundo, owayeqeshwe kwiThala leencwadi eHawston ngaphambili), nguFrancina Philander (uSekela-noncwadi), nguLucelle Wyngaard (uSekela-noncwadi), nguChristopher Bruintjies (uMsebenzi-jikelele) noHillary Wessels (uSekela-noncwadi)

"Yingxaki ukungakwazi ukufunda. Uva ngokuxelelwa, 'ithini le nto apha' nokuba, 'lithini ixabiso lale nto?' Ndinethemba lokuba niyaliqonda ixabiso elinokudlalwa liThala leencwadi empilweni yenu. Thabatha inxaxheba kwizinto ezenziwa liThala leencwadi, yenza uphando-nzulu, funda okulindelekileyo kuwe ufumane isikhokelo uqonde", watsho ekhuthaza. UChristine Marais (uAunt Stienie isiteketiso) ongomnye weendwendwe ezibekekileyo ezazikulo msitho, wathi eli Thala leencwadi lenza ukuba izinto azibone ngokutsha. Waqala ukuthatha iincwadi eMount Pleasant Library kwiminyaka engama-45 eyadlulayo phambi kokuba yakhiwe iHawston Library. Ngoku ugqiba iminyaka engama-30 elilungu layo. UElnora Gillion onguCeba ka-Ward 8, wathi abafundi banenyhweba yokufumana amathuba okuba baziphucule. "Ukuthabatha incwadi ufunde linyathelo lokuqala. Musa ukuphosana nethuba elinjalo apha. Umabonakude mbukele ixeshana, umnxeba ophathwayo wubekele ecaleni okomzuzwana. Thabatha uxanduva ngesiqu sakho kwanokuba ufuna ukwenza ntoni ngobomi bakho." "Xa uza kukhwela inqwelomoya usiya ndaweni ithile, kuza kufuneka uyazi indlela eya khona; ulungu-lunguze, ufunde ukuba kufuneka uye ngaphi." wongeza watsho.

UHawston Julius oyinqununu yaseSwart Primary wayiphinda le nto esithi abantwana mabangatyhafi kuba abazali babo bengenayo imali okanye bengakwazi ukufunda okubhaliweyo. "Umntu makayikhuphe ingqondo yokuba ube ehleli engayi ndawo, nokuba akanayo kakade nemali yokuqhubeka nezifundo zakhe. Inkxaso-mali ikhona kumntu ofunda ngokuzimisela aphumelele kwizifundo zakhe. Nyhani ke kunzima xa utata nomama bephangela ze kungabikho mntu wokuba akuncedise ekhaya. Nyhani ke kunzima ukukhuliswa ngumakhulu ekungenzeka ukuba waphuma ku-Grade 2 kuba ngeze akuncede kumsebenzi wesikolo. Nyhani ke kunzima xa ingekho imali yokuthenga iphephandaba okanye iimagazini - sebenzisa inkonzo yeThala leencwadi noncedo lwangaphakathi. "Wongeza esithi, ngoku iHawston Primary isethubeni lokuba izifumanele elayo iThala leencwadi. Enkosi Auntie Belinda ngenkxaso yakho, ubunkokheli bakho netsebenziswano. Nangona isikolo sethu sinalo ngoku iThala leencwadi akuyekanga ukubanceda abantwana bethu. "

UBelinda May onguNoncwadi, wayiqukumbela le nkqubo ngokuthi yena nesitafu sakhe benzelwe imbeko ngokuba yinxalenye yeqela eliphumelele iimbasa eziliqela kule minyaka idlulileyo. IThala leencwadi eHawston libalwa namanye amaThala eencwadi oLuntu ngoMgangatho oPhucukileyo: Iqela leeNkonzo zaBantwana, lenze imbali lafumana ukuchongelwa iMbasa yoMphathiswa ngokuphatha abantwana kakuhle. Uxelele wonke umntu ngeenkqubo zokonwabisa abatwana ngexesha lekhefu. Kwiiholide ezigqithileyo zobusika abantwana abaphakathi kwama-200 nama-250 babegcinwe bedlala yonke imihla. Wenza umbulelo kuDon Kearney onguMphathi weSithili, (nongumlawuli wawo onke amaThala eencwadi eHermanus) ngenkxaso yakhe.

ABAGWEBI KUKHUPHISWANO LOCOCEKO NOGUTYULO BAZA KUTYELELA E-OVERSTRAND

Abagwebi kuKhuphiswano loYena Masipala uCocekileyo (GMC) ka-2017 phantsi kwecandelo loCoceko noGutyulo bafumana ukwamkelwa ngezandla ezishushu xa babetyelele uMasipala waseOverstrand ngoLwesithathu umhla wama-23 ku-Agasti 2017.

IOverstrand yabekwa kudidi lwesithathu kuluhlu loomasipala abaziBalule ngoCoceko kwiPhondo leNtshona Koloni. Yaphuma phambili iOverstrand kwicandelo loCoceko noGutyulo isihlandlo sesithandathu kukhuphiswano lonyaka ophelileyo.

UJohan van Taak, ongumququzeleli kamasipala waseOverstrand kolu khuphiswano nokwanguMphathi kaMasipala kwiiNkonzo zoCoceko noGutyulo wathi Overstrand ineminyaka iluxhasa olu khuphiswano. "Olu khuphiswano luncedisana nomasipala ekwenzeni ezona zinto zibalulekileyo, nokunceda ekuphuculeni umgangatho wempilo yethu nokusingqongileyo," wongeze watsho.

Kwiqela labagwebi kwakukho uGregg Adams noTherina Oberholzer abaphuma kwiSebe leMicimbi yezokuSingqongileyo ePhondweni.

Iqela labagwebi labaneseshoni yemibuzo neempendulo noJohan van Taak noHanré Blignaut onguSekela-mlawuli weziBonelelo, izisiSeko noCwangciso, phambi kokuba batyelele amaziko ococeko nogutyulo, nokuhlola umsebenzi owenziwa ngamaqela kummandla waseOverstrand.

Amagama abaphumeleleyo kolu khuphiswano aya kubhengezwa ngoNovemba 2017.

#GreenestMunicipalityCompetition

UPHUHLISO LWEQULA LOKUQUBHA (I-FICK'S POOL) LUZA KUQALA KUNGENTSUKU ZATYWALA

INkampani yakwaTasoclox (Pty) Ltd inikwe isivumelwano sengqesho nguMasipala waseOverstrand emva kwexesha elide elibe linamagingxi-gingxi ukuze iphuhlise iFick's Pool nommandla olingqongileyo. Lo mhlaba onokuba ngaphantsi okanye ngaphezulu kwama-5 300m² wanikwa le nkampani ngenjongo yokuba yakhe indawo yokutyela (irestyu). Lo msebenzi ubandakanya ukugcina iqula elikhoyo apha likwisimo salo sendalo nokuphucula umgangatho wamaziko okuhlamba kule ndawo phantsi kwesivumelwano sengqesho esiza kuqhuba iminyaka engama-20. Emva kokutyikitya isivumelwano sengqesho nokuxhoma ibhodi enombhalo ngalo msebenzi, uphuhliso luya kuqala ngaphandle kokulibazisa. Uluntu lusavumelekile ukuba luwasebenzise amaziko okuhlamba kule ndawo.

Zibandakany nathi nyanga-zonke kwiphulo lokucoca amanxweme kwihlabathi jikelele

Masingalahli inkunkuma kumanxweme ethu ze njalo ingene elwandle ngokuthi sicinge kabini phambi kokuba sisebenzise iingcongolo zesiselo. Izitompi zezigarethi masizilahle kwiindawo ezifanelekileyo. Masiziqhelanise nokugcina iingxowa eziphathwayo nesizisebenzisela ukuthenga ezivenkileni.

Masiyidlale eyethu indima ngokugcina iindawo zethu zicocekile. Masigcine kwisimo esihle okusingqongileyo ukuze iplanethi ikhuseleke - ingxowa enye maxesha onke!

ISIZATHU SITHINI?

Into etyiwa yintlanzi yilindele ukuba ungayifumana ekutyeni kwakho ngesidlo sangokuhlwa!

Umthandi wezilwanyana zasendle uSue-Ann Schutte, uyicacisa kakuhle le nto kwiphephandaba iGeorge Herald: "I-Plastiki yenziwe ngamachiza ayingozi kwizilwanyana zaselwandle nakuthi ngokunjalo. Ungcoliseko olwenziwa yiplastiki luchaphazela ngaphezulu kwama-600 eendidi zezilwanyana zaselwandle kwaye iintaka zaselwandle eMzantsi Afrika zibalwa njengezona zilwanyana zisengozini lolu ngcoliseko kwihlabathi lonke."

"Iplastiki elahlwayo ngonyaka inintsi kangangokuba inokubhijela ihlabathi izihlandlo ezine. Ibhotile yeplastiki eqhelekileyo ayiboli ngenxa yeentsholongwane. Kungaphela iminyaka engama-50 ukuya kweli-100 ukuze ibole, kanti enye ayinakuze ibole.

"Ungcoliseko kumanxweme ethu luchaphazela okusingqongileyo ngendlela engathethekiyo, kodwa ubungozi kwizilwanyana nakwi-ekhositim yazo yinto engasoze ibonwe ngabantu. Kuzo zonke izinto ezilahlwayo nezithi zidale ukungcoliseka kolwandle, iplastiki yeyona inomonakalo omkhulu.

UKUFA YINDLALA

"Inkunkuma elahlwa elunxwemeni ingena emanzini ze ichaphazele izilwanyana zaselwandle ezithi ngokundweba nokufuna ukuqonda zigqobhoze iplastiki okanye zizibhijele ngentambo enokuthi idale umonzakalo okanye ukufa.

"Enye indlela enobungozi echaphazela izilwanyana zaselwandle yiplastiki eginyiweyo. Nazo izilwanyana ezincinane elwandle ziyayiginya iplastikana ekhangeleka ngathi zizilwanyana ezincinci ezikukutya kuzo ngenxa yokulingana nayo. Ngenxa yokutya izinto ezingaboliyo ziintsholongwane isilwanyana siziva sihluthi kanti siza kufa yindlala.

"Iintaka zaselwandle zindwebile umthetho wazo kangangokuba zitya nantoni na. Eyona ngxaki ingumcelimngeni esijongene nayo kuxa iintaka zaselwandle zitye intloko yentlanzi enolobo olushiyekele ngaphakathi emlonyeni nolukholisa ukufakwa kumtya wokuloba onesinkara,"utsho uSchutte.

Kuza kuba kho amaqela aza kudlala eyawo indima ukucoca okusingqongileyo ngokuhamba ngonxweme lwaseOverstrand echola inkunkuma. Zibandakanye nala maqela acocayo ukususela nge-08:30am ukuya kweye-11:30am kunxweme olukufutshane nawe?

IWhale Coast Conservation ikhokela iqela laseSandbaai okanye eZwelihle eliza kudibana eSchulphoek Road. Ukuze ufumane ulwazi oluthe vetshe tsalela uShirley umnxeba kule nombolo 078 515 1078. Abaqupuzeleli baseWESSA's #BlueFlag Beach baza kuba seGrotto bakhokele endleleni ze ngomhla we-19 kuSeptemba bafumaneke kunxweme lwaseHawston.

Fumana iinkcukacha ezithe vetshe ngamaqela acoca amanxweme ngukutsalela uAntonio da Silva-Swartle umnxeba kule nombolo 072 462 4274; uPetro kule nombolo 079 807 9726 okanye i-Whale Coast Conservation kule nombolo 028 316 2527. Wonke umntu uvumelekile ukuba athabathe inxaxheba ekucholeni inkunkuma eselunxwemeni. #TeamUpToCleanUp #WasteStopsWithMe

Iziphumo zokufuya nokulima kokusingqongileyo

Abantu abaninzi banolwazi lokuba indlela esiphila ngayo kule mihla yonakalisa iplanethi ngenxa yobugwenxa esibenzayo kokusingqongileyo. Abantu abaninzi bangcathu ekusebenziseni izinto ezenza ikhabhon dioxide, bathenga iinqwelo eziwongayo amafutha, basebenzisa izithuthi zikawonke-wonke xa kulula ukwenza njalo okanye bagcine amanzi ogutyulo, nangona kunjalo abaninzi kuthi abaqondi ukuba ukufuya nokulima kudala omonakalo kosingqongileyo.

Iyaziwa into yokuba imveliso yempahla emfutshane inomonakalo ewenzayo kwiplanethi-idala ungcoliseko lwamanzi nomoya, izilwanyana zaselwandle zisebenzisa umhlaba omninzi.

Ukufuya impahla emfutshane kongeza ikhabhon dioxide engama-20% kwekhoyo kwihlabathi lonke. Iinkcuba-buchopho kumazwe ngamazwe zenze izifundo ngomonakalo wayo kumhlaba okhoyo, kumanzi okunkcekceshela. Kuphando lwabo lwekhabhon dioxide ekhutshwa yimifuno efana nengqolowa, imveliso yobisi njl-njl. bafumanise ukuba imveliso yenyama yenkomo isebenzisa umhlaba ngokuphindwe ama-28 xa kuthelekiswa nokuvelisa inyama yehagu, imveliso yobisi okanye imveliso yamaqanda, isebenzisa amanzi ngokuphindwe ka-11 ze oko kudale ukongezeleka kwekhabhon dioxide ngokuphindwe ka-5.

La manani athetha lukhulu kuthi Mzantsi Afrika nanjengokuba sisazi ukuba sililizwe elinqatyelwe ngamanzi ngendlela engathethekiyo. Xa ama-2 400L zamanzi enokwenza i-beefburger enobunzima obuli-150g mhlawumbi inyama yenkomo yeyokuqala kwizinto ekufuneka sibe ngcathu kuzo, endaweni yoko kunjani ukuba sifumane ukushawarisha imizuzu emi-2 xa kuyimfuneko ngaloo mini, naloo mini?

Ukwenza ingxelo ngezibane ezonakeleyo esitalatweni

Abahlali bangenza ingxelo ngezibane ezonakeleyo esitalatweni ngokutsalela umnxeba kwezi nombolo zilandelayo ngexesha lomsebenzi nge- (07:45am - 16:30pm):
Kwii-ofisi zaseHermanus: kule nombolo 028 313 8000/8111 okanye kule 028 316 2630
Kwii-ofisi zaseKleinmond: kule nombolo 028 271 8400 okanye kule 027 271 8484
Kwii-ofisi zaseGansbaai: kule nombolo 028 384 8300 okanye kule 028 384 8358
Kwii-ofisi zaseStanford: kule nombolo 028 384 8500 okanye kule 028 384 8376

Nawuphi na umonakalo ofumaneke emva kweeyure zokusebenza mawuxelwe kwi: 24-hour control room kule nombolo 028 313 8000/8111, okanye ngale imeyile: enquiries@overstrand.gov.za. Qaphela, ii-imeyile ezithunyelwayo ziza kuqwalaselwa ngexesha lokusebenza.

Iinkcukacha ezifunwa kuwe ukuze uncedeke msinya:
- **Nika iinkcukacha eziphelele yo ngengxaki ekhoyo**
- **Indawo ekuyo ingxaki leyo**
- **Igama lesona sitalato sikufutshane kwisibane esingasebenziyo**

IINKCUKACHA ZAKHO UZITSHINTSHILE NA?

Uhlala kwenye indawo okanye unenye inombolo yomnxeba kutsha nje?

Ingaba uhlala kwenye indawo okanye unenombolo entsha yomnxeba ophathwayo? Nceda ungalibali ukwazisa uMasipala ngezi nkcukacha zintsha. Musa ukufowuna, bhala ileta wazise uMasipala ngeenkcukacha zakho ezintsha. Ezi nkcukacha zinokuthunyelwa ngale imeyile: enquiries@overstrand.gov.za Kungenjalo yiya kwii-ofisi ezikufutshane nawe uthethe negosa leenkozo zabahlawuli, ukuze uqiniseke ukuba ezi nkcukacha zintsha ziyafakwa kwikhompuyutha:

E-KLEINMOND: idilesi: 33 5th Avenue, eKleinmond okanye Ingxowa yePosi: P/Bag X3 eKleinmond 7159. Umnxeba: 028 271 8400

E-HERMANUS: idilesi: eMagnolia Street, eHermanus okanye Ingxowa yePosi: PO Box 20, eHermanus 7220. Umnxeba: 028 313 8000/8111

E-STANFORD: idilesi: 17 Queen Victoria Street, Stanford okanye Ingxowa yePosi: PO Box 84, Stanford 7210. : 028 Umnxeba 384 8500

E-GANSBAAI: Idilesi: Main Road, Gansbaai okanye Ingxowa yePosi: PO Box 26, GANSBAAI 7220. : Umnxeba 028 384 8300

Iinkcukacha zokuqhagamshelana nawe ziya kugcinwa ziyimfihlo akukho namnye uya kuba nolwazi ngazo.

U-ZUILL BAILEY OSUKA EMELIKA UZA KUDLALA E-OVERSTRAND

U-Zuill Bailey, owaziwa njengomdlali obalaseleyo ekudlaleni isikhalisi esikhudlwana kunefidyoli ehlabathini uza kudlalela abathandi bomculo eOverstrand emva kwemini ngeCawe umhla wama-29- ku-Okthobha!

I-OVERSTRAND ARTS/KUNSTE (i-OAK) ikuphathela umculi-solo ozibaluleyo, umcengcelezi okwayitishala. Phakathi kwezikhundla azibambileyo ukwayiNjingalwazi kwiYunivesithi yaseTexas e-El Paso.Uza kudlala iSonata in C Major ngokuqanjwa nguBoccherini; iSonata No. 4 ngokuqanjwa nguBeethoven; iPaganini Variations neDaugherty's Concerto ngokuqanjwa nguPiatigorsky.

IKonsathi iya kuthi iqala abe amatikiti axabisa (i-R140) sele athengiswa aphela kudala, ngoko ke bhukisha ngexesha ukuze ungaphoxeki eTOURISM OFFICE ngokutsalela umnxeba kule nombolo 028 312 2629.

Le konsathi iza kubanjelwa eCivic Auditorium eHermanus emva kwemini ngeCawe umhla wama-29 kuOkthobha, ze iqalise nge-15:30pm. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe qhagamshelana noRené du Plooy ngale nombolo 082 940 4238 okanye ngale nombolo: 028 312 1895.